History and customs of Tshezi.

1

S.50 ~~A11/2/15.~~ K11/15 (S.T. Mneto.)

b

1. AmaTshezi.

Inkosi yokuqala yayingu Tshezi owayepete isizwana ekwa kusitiwa ngama Bomvu kwazulu. Kwathi ngeza mfazwe zika Tshaka, walwa uTshezi no Tshaka kakulu. Ute uTshezi aka dinwa zimfwazwe zeminyaka wafundukela ema Mpondweni eMtintsasa kwinxowa lako Mkulu. Nangoku usekona lo Mtintsasa.

Kute ngeloxesha kwaqekeka inqanawe eLambaza aza ama Mpondo alwa naBelungu abaphuma kulonqanawe. Oyiswa ama Mpondo ate ama Mpondo akubona ukuba ayoyiswa amema ama Tshezi. Baboyisa abelungu bababulala bonke kwa sala amantombazana amabini nenkwenkwe enye intombi yazekwa ngu Tshomane umPondo. enya yazekwa ngu Ceza unyana ka Tshezi Namhlanje ama Kam la seyisisizwe azalwa ngu Z' Ceza.

Wasuka ke uTshezi eMtintsansa waya pezu ko Mzimvubu ku lendawo kutiwa kuse Qankeni namhlanje kuplapho w fela kona. Washiya onyana abango Tyingana, no Matshoba, no Jalamba no Tembu kwindlu enkulu. Kwenye indlu ushiye uCeza eKunene kwenye indlu, kweyase Qadini washiya Mtibe.

2. Kwi Qadi lesibini ushiye uMwangu. Kwenye indlu ushiye uXhiba.

Ute uTshezi akufa onyana bake bawelela ngeneno ko Mgazi baka, bazala ababo onyana. Kute ukuze bemke ema Mpondweni kwaxabana uGambushe unyana ka Jalamba no Ngqungqushe inkosi yama Mpondo uyise ka Faku. Wemka ke uGambushe waya kwaka eNtlonyane, e Elliotdale.

uJalamba yena uzele uMmbeli, wazala uGambushe, wazala uNkqayiya. uTyingana uzele uBelu, uMbelu wazala uMakanzi uMakunzi ufuduke kunye no Gambushe ukuza kolo mhlaba. Makunzi wabeta inkomo zokwaka umhlaba kuNgubencuka. uGambhushe wabeta ku Hintsa. Ama Mpondo amema ama Baca afunza impi ayakuhla e Xora. Amtimba inkomo uGambushe. Ngenye imini amqubula uMakunzi wabalekela kwa Mfundisi eWilo, wagongqa unyana ka Makuzni uNgozi walukela eSkol eni kunye

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

no George Dukada uMxosa wase Qokolweni. Ama-Mpondomse ngelo xesha ayese Ngcwanguba intombi ka Makunzi yendela ku Myeki inkosi yama Mpondomse.

3. Ama Tshomane ayesekwa Gcaleka ngeloxesha. Ama Mpondomse aliwa ngama tshezi oyiswa ate ama Mpondwomse akoyiswa asabela eRode. Waza ke uMakunzi waphuma esikolweni lazola kodwa amaMpondo ayemana ezisa inkomo zawo etyisa amazimba ama Tshezi. Ngelo xesha kwangena umlungu. Laxola.

Amasiko lisiko elikoyo nakwesiphina isizwe sakwa Ntu dini eli kwa Zulu inkomo yedini ebitsityelwa ngumntu ayi hlabe pantsi komkono. Ife kwangoko. Isiko elivele besa kuya eMzimvubu ibe lelokusiwa kwe nkomo yedini emlanjeni ekutiwa likhupi inkomo yedini ibiqondwa ngoku kala nokucama. Iqutywe ke isiwe pezu walo mlambo izelwe kodwa ingatyiwa inyama yayo isiywe apo inikwelwe kulo mlambo bati bakubuya abobantu baxele enye inkomo bayityе.

Xakuthomba intonjane wakusinwa kuguywa. Ukutshila xa kwaluka amakwenkwe kuze nama Gcaleka ngexesha lika Makunzi ngalo ndlala enkulu ka Nongqause (1857) Amanye ama Gcaleka ate akufunyanwa yindlala ka Nongqause abacela kuti.

4. Nokutshaya kufike nama Gcaleka. Ama Tshezi ayengatshayi zinqawe. Ayesila igwada alirogele ngempumlo.

Ingubo zabo yayizimfele zenyamakazi. Utyalwa babunge ngaka. Babu silwa ngengqhayi. Buqalele kwesisituba ebekuphele uPali unyana ka Makunzi uPali nguyise wenkosi uTyekubzuna ke ube ubdubakuseka ekukuvi,

Ngeloxesha kwakutyelwa ezintyeni zodongwe (ingqayi) Nasezitebeni zemizi, amazembe namagaba ayesenziwa ngentsimbi. Lentsimbi yayitatwa ematyeni awaye funyanwa eMzongoma kwintatyana epezu koMgazi. Lamatye ayenyibilikiswa ngomlilo wenkuni zom Hlakoti iwutelwa ngemfuto ye ikumba.

Amagqina ayeseko kwakwa Zulu wake uTshaka wacapazela igazi lebokwe ebuhlanti waza ke wabiza amagqira okuvumisa wawabuza uba ligazi lantonina elo. Leqondwa ligqira lalinye. Wawaposa eliweni onke lomagqina ayekohliwe.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

S.50. Intombi yayisiti xa yendiswayo isizwe zezinye kulomzi unesoka kulotyolwe lomini kugodukwe kwangoko kunjalalwa
5. kuxelwe ishiywe intombi esokeni. Ite ke isakumita intombi leyo kukiwe umti ehlatini lomti kutiwa sisicakati utyalwa eselweni umfazi umana esela wona akunxanwa angaseli amanzi. Ati ke akuzala aulahle lomti kukiwe omunye oza kuseza nsana. Usana lumana luhlanjwa kusasa nokutshona kwelanga kumana lusomiswa ngokufutwa ngomlilo lude lube nyanga ntatu. Kodwa lonto yayekwa ngoku. Ukwaluka pambi kokuba amakwenkwe ayekwaluka aqale aye emlanjeni ahlambe exela nezinto ezimbi awayeke azenza esakugqiba ukwaluka akazityeli ngokuwawo ukutya atyiswa ngamakankata amanzi abawaseli batya udaka. Ku funeka abakweta bangxongxe xa belele. Xa bahambayo bangati nqo. Kukiwa isundu kwenziwe imihlambi yokutshila. Bathsila bebongwa kukala ingqongqo. Emva koko bapuma ze entontweni bashiye yonke into nenwele nengubo zabo yonke into, bayo kuhlamba emlanjeni. Bati xa babuyayo langqongwe kutata ingubo ezintsha (imibalo) etontweni) bambatiswe ngengubo zabo ezintsha bahamba nenkomo ezo baye ebuhlanti batambise
6. amafuta epehla entloko. Bapiwe ke izinto ezinje ngenkomo nebokwe, neqiya nezintya. Amafuta ngoku akasatanjiswa. Kudala kwakuxelwa inkomo xa kutshilwayo. Ngoku yimigidi yotywala impahla yobukwetsa itshiselwa etotweni kunye netonto.

Imfazwe xa kuyiwa emfazweni kwaku funwa umntu olixwele awunyange umkosi nti xa uza ukuya uhlambe emlanjeni mgomti ekutiwa yintelezi ab tembele yawo engozini. Babkubuya emfazweni bapinde ba hlanjwe ngentelezi yayekwa ke ngoku lonto ukutwasa kwehlobo kwakufunwa ixwele abantu baqashulwe ubetelelwe umzi ukuze kungabeti zulu. Ukungena kokwindla lokutyiswa ulibo lelotola kunye namayeza.

Kaconini. Umfazi ubengawunyelwe ukuba ukuba abizwe uyise wendoda yake. Ubesiti akumbiza bemke bonke abafazi babuye nebokwe nekomo kuxelwe baze ba xolelwe. Kutiwa ke ukubizwa kwalonto ba coninisiwe. Elinye ilisiko yingqiti ekwakutshecwa umnwe wosana uncanyetiselwe eludongeni. Kutshecwa ukucikicane kgokwesigelo.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

5.50
5 50
K11/15
K11/15
4*
4*

Map tracing the movement of the Ama Tshezi tribe from Zululand to Xosaland

(50)



K11/15

4*

Writer: J. J. Mnto,
Mapuzi Sch.
P.O. Mqanduli.
C.P.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017